



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali-12.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

UMBUZO 1**1.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo**

- Makubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ekwixesha eladlulayo.
- Izinto ezenzeke kunyaka ophelileyo.
- Izinto ezadala ukuba ulonwabo lube krakra umzekelo;
 - Ukungaphumeleli kweetshomi zam ezifundweni.
 - Ukonakala kobudlelwane phakathi kwam nabazali bam.
 - Ukudlwengulwa nokuphathwa gadalala.
- Unokubalisa okanye achaze.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]

1.2 Isincoko esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo

- Makubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Izinto anokuzenza xa enokuqalela ubomi bakhe.
- Unokuchaza, axoxe okanye acamngce.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]

1.3 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo

- Makubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Ukubaluleka konxibelelwano phakathi komntwana nomzali.
- Iingxaki ezinokubangelwa kukukhethelwa izifundo umzekelo;
 - Ukugangatha ndawonye kwabantwana ezifundweni.
 - Ukungaphumeleli okanye ukuyeka phakathi esikolweni.
 - Ukuchithwa kwemali.
- Iindlela anokuthi azilandele ekukhetheni izifundo.
- Unokubalisa, achaze, axoxe okanye acamngce.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]

1.4 Isincoko esibalisayo/esichazayo

- Makubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Inkcazo ngeenkonzo zikaRhulumente umzekelo;
 - Iindlela azilunganga.
 - Amanzi awekho.
 - Umbane awukho.
- Izinto ezinokwenziwa ngokunxulumene neenkonzo zikaRhulumente.
- Unokubalisa okanye achaze.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]

1.5 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esiqiqisayo/esixoxayo

- Makubekho intshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Inkcazo yesimilo esiqaqadekileyo.
- Izinto ezinokwenziwa ukulungisa isimilo esiqaqadekileyo umzekelo;
 - Ukungenelela kwamapolisa.
 - Ukungenelela kwemibutho yabucala.
 - Ukungenelela kooNontlalontle
- Unokubalisa, achaze, aqiqe okanye axoxe.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]**1.6 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esiqiqisayo**

- Makubekho intshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Intsingiselo yeqhalo elisisihloko.
- Makatolike gabalala intsingiselo yeqhalo.
- Unokubalisa, achaze okanye aqiqe.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]**1.7 1.7.1 Isincoko esingokubonwayo: esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/ esicamngcayo/esiqiqisayo**

- Mekanike isihloko esifanelekileyo.
- Makubekho intshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Kubhalwa imiba echanekileyo nefanelekileyo ngomfanekiso;
 - Ukubaluleka kwetekhnoloji.
 - Imfundo yanamhlanje nezinto zayo.
 - Ukubaluleka kukamakufanwe.
- Unokubalisa, achaze, axoxe, aqiqe okanye acamngce.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]**1.7.2 Isincoko esingokubonwayo: esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/ esicamngcayo/esiqiqisayo**

- Mekanike isihloko esifanelekileyo.
- Makubekho intshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Kubhalwa imiba echanekileyo nefanelekileyo ngomfanekiso;
 - Umculo.
 - Imvumi eyaziwayo.
 - Isinxibo sakwaNtu.
- Unokubalisa, achaze, axoxe, aqiqe okanye acamngce.

[Naziphi ezinye iibono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi]

[50]**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Kulindleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Idilesi yomntu obhala ileta, umhla, inyanga nonyaka, ibhalwa emantla ephepha malunga nesiqingatha sephepha.
- Mabashiye umgca phakathi kwedilesi nesibuliso (isibuliso sibhalwa ngesiXhosa).
- Kwisibuliso sakho ubhala endimthandayo hayi othandekayo.
- Akukho ziphumlisi kwidilesi, kwisibuliso nakwisiphelo.
- Isiphelo sakho sixhomekeke kwisibuliso.
- Emva kwesibuliso ushiya umgca ubhale umhlathi otshayeleyo.
- Imihlathi yesiqu mayahlulwe ngokweengcamango ezahlukileyo.
- Umxholo mawuveze umbulelo neendlela amxhase ngayo ubhuti wakhe.
- Isiphelo esifanekileyo, umzekelo:
Umninawa wakho
Lufefe

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Kulindleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Mayibe yimbali ngobomi bomntu ongasekhoyo.
- Umhla wokuzalwa nomnombombo wakhe ngokufutshane.
- Amagqabantshintshi ngemfundo apho kukho imfuneko.
- Umsebenzi kamfi, iindawo axelenge kuzo nesikhundla sakhe kwindawo nganye.
- Igalelo lakhe entlalweni nezinto ebe nomdla kuzo esaphila.
- Usuku lokusweleka kwakhe.
- Isiphelo esifanekileyo, umzekelo:
Lala ngoxolo Radebe, Ndlebentlezombini, Shwabada, ...

[30]

2.3 UDLIWANO-NDLEBE

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Ingxoxo ephakathi kwabantu ababini.
- Indlela yokulubhala kukubhala umbuzo olandelwa yimpendulo.
- Mabaqale kumgca ongasekhohlo babhale igama lesithethi lize lilandelwe yikholon.
- Iimpawu zocaphulo azifakwa.
- Mabasebenzise umntu wokuqala xa bebhala udliwano-ndlebe.
- Makubeko intshayelelo phambi kokubuza imibuzo.
- Kwisiqu obuzayo makabuze imibuzo esemxholweni emalunga nesihloko, nobuzwayo uphendula okubuzwayo.
- Isiphelo esifanelekileyo.

[30]**2.4 I-AJENDA NEMIZUZU**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Makuqalwe nge-ajenda.
- Mababeke imiba/izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo.
- Mabanike ingxelo ebhaliweyo yoko bekugqitywe kwintlanganiso.
- Mayihambelane nezihlokwana ezikwi-ajenda.
- Makuvele iziphakamiso nezigqibo kuphela, umzekelo;
Ngamxhelo mnye intlanganiso igqibe ukuba:
- Umfundi ngamnye makabe nenxaxheba ayidlalayo kwezemidlalo ubuncinanene kwimidlalo emibini.
- Kumdlalo ngamnye indima yomfundi mayicaciswe.
- Abafundi mabaxhotyiswe ngezakhono zemidlalo eyahlukileyo.
- Makubekho amabhaso akhutshwayo kubafundi abagqwesileyo kwimidlalo nakubathathi nxaxheba abazimiseleyo.
- Mabasebenzise ixesha elidlulileyo xa bebhala.
- Isiphelo esifanelekileyo, umzekelo;
Zuziwe Chapha
Nobhala
Umhla:

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

UMBUZO 3**3.1 IPOWUSTA**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Okubhaliweyo makucace.
- Qaphela ukuba ujolise koobani ngale powusta.
- Makunike umdla okubhaliweyo.
- Iinkcukacha zeshishini mazivelelwe zonke.
- Isiphelo esifanekeleyo.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Makucace okubhaliweyo.
- Umntu ekujoliswe kuye yile posikhadi.
- Makunike umdla okubhaliweyo.
- Mabavelele zonke iinkcukacha.
- Ukuncoma nokuvuyisana naye kwimpumelelo yakhe.
- Isiphelo esifanekeleyo.

[20]**3.3 UMYALELO WERESIPHI**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Abhale izithako kuqala.
- Mabasebenzise isiyaleli ubukhulu becala.
- Imo elandulayo bangayisebenzisa, hayi kakhulu.
- Mababhale ngezivakalisi ezipheleleyo.
- Mabaqaphele ukulandelelana kwemiyalelo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

ICANDELO A: IZINCOKO – 50 AMANQAKU

Iziqulatho	Khowudi 7 Balaseleyo 80%–100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70%–79%	Khowudi 5 Enomthamo 60%–69%	Khowudi 4 Anele 50%–59%	Khowudi 3 Phakathi 40%–49%	Khowudi 2 Buthathaka 30%–39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 00%–29%
1. UMONGO NOYILO (30 AMANQAKU)	24–30 Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo. Isincoko sibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	21–23½ Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqambileyo. Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango ezibonisa ubukrelekre zinomdla.	18–20½ Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu. Isincoko sibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso.	15–17½ Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esinomfaneleko esamkelekileyo. Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	12–14½ Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamatheleneyo. Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	9–11½ Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esingabekelwanga kakuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	0–8½ Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esibekelwe ngokutenxileyo. Isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango, uphinda-iphinda nokunwenwela kude kwisihloko.
2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (15 AMANQAKU)	12–15 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	10½–11½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenamakhwiniba okupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	9–10 Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo- magama oluhambelana netekisi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	7½–8½ Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele. Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	6–7 Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe ngokungachanekanga. Uchongo- magama luphakathi. Itekisi ineziphoso ezininzi nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	4½–5½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo- magama luyahexa. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	0–4 Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo -magama luhexa kakhulu. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.

3. ISAKHIWO/ IMO	4–5	3½	3	2½	2	1½	0–1
(5 AMANQAKU)	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene-yo. Ubude buyangqinela neemfuno zesihloko.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene. Ubude bufanelekile.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle. Ubude bufanelekile.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla. Ubude bubufaneleka.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka. Umthamo mfutshane kakhulu okanye mde kakhulu.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka. Umthamo mfutshane okanye mde kakhulu.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani. Umthamo mfutshane okanye mde ngokubaxekileyo.

Izincoko ziya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO NOYILO	30
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	15
C ISAKHIWO/IMO	5
AMANQAKU EWONKE	50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE – 30 AMANQAKU

ISIQULATHO	Khowudi 7 Balaseleyo 80%–100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70%–79%	Khowudi 5 Enomthamo 60%–69%	Khowudi 4 Anele 50%–59%	Khowudi 3 Phakathi 40%–49%	Khowudi 2 Buthathaka 30%–39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 00%–29%
1. UMONGO, UYILO NEMO (18 AMANQAKU)	14½–18 Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise iitekisi engenazimpazamo. Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe zixhokonxa iingcinga. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	13–14 Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwevelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango ezibonisa ubukrelekre, zinomdla. Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.	11–12½ Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	9–10½ Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi eyanelisayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu. Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.	7½–8½ Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukwevelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo. Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene. Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	5½–7 Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela, itekisi ayibekelelwanga kakuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele soloko kuphinda-phindwa. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	0–5 Uyilo okanye ucebo alukho; itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo. Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho lunamathelwano. lingcamango, uphindaphindo zinwenwela kude kwisihloko. Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.

2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (12 AMANQAKU)	10–12	8½–9½	7½–8	6–7	5–5½	4–4½	0–3½
	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.</p> <p>Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.</p> <p>Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo-magama oluhambelana netekisi.</p> <p>Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele.</p> <p>Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo-magama luphakathi.</p> <p>Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.</p> <p>Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo-magama luhexa kakhulu.</p> <p>Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.</p>

Imihlathana emide iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO, UYILO NEMO	18
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	12
AMANQAKU EWONKE	30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE – 20 AMANQAKU

ISIQULATHO	Khowudi 7 Balaseleyo 80%–100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70%–79%	Khowudi 5 Enomthamo 60%–69%	Khowudi 4 Anele 50%–59%	Khowudi 3 Phakathi 40%–49%	Khowudi 2 Buthathaka 30%–39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0%–29%
1. UMONGO, UYILO NESAKHIWO / NEMO (12 AMANQAKU)	10–12 Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo. Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iingcinga. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	8½–9½ Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluchanekileyo. lingcamango ezibonisa ubukrelekre, zinomdla. Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.	7½–8 Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluvakalayo. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	6–7 Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi eyanelisayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko olwanelisayo. lingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu. Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.	5–5½ Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo. Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene. Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	4–4½ Uyilo okanye ucebiso alwanelisayo kwaphela. Itekisi ayibekelelwanga kakuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	0–3½ Uyilo okanye ucebiso alukho; itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo. Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango nophinda-phindo zinwenwela kude kwisihloko. Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.

2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (8 AMANQAKU)	6½–8	6	5½	4–4½	3½	2½–3	0–2
<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.</p> <p>Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.</p> <p>Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo- magama oluhambelana netekisi.</p> <p>Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele.</p> <p>Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo-magama luphakathi.</p> <p>Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.</p> <p>Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.</p>	<p>Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo- magama luhexa kakhulu.</p> <p>Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.</p>	

Imihlathana emifutshane iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO, UYILO NEMO	12
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	8
AMANQAKU EWONKE	20